Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIFUNDO SEZEMBALI P1

AMANQAKU: **150**

IXESHA: **3 iiyure**

Eli phepha lemibuzo linamaphepha asi9 kunye nesihlomelo esinamaphepha ali14

Free past papers & memos at studypapers.co.za

IMIYALELO NEENKCUKACHA

1. Eli phepha lemibuzo lineCANDELO A neCANDELO B ngokusekwe kwisikhokelo esimiselwe yiCAPS.

   ICANDELO A: IMIBUZO ESEKELEZWE KWIMITHOMBO

   UMBUZO 1: ICOLD WAR: IMVELAPHI YECOLD WAR

   UMBUZO 2: IAFRIKA EZIMELEYO: UPHANDO (CASE STUDY) – ANGOLA

   UMBUZO 3: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KOO1950 UKUYA KOO 1970: THE CIVIL RIGHTS MOVEMENT

   ICANDELO B: IMIBUZO EZIZINCOKO

   UMBUZO 4: UKWANDISWA KWECOLD WAR – IVIETNAM

   UMBUZO 5: IAFRIKA EZIMELEYO: IMINGENI EYAJONGANA NAYO ICONGO EMVA KOKUZIMELA

   UMBUZO 6: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KOO 1950 UKUYA KOO 1970: IBLACK POWER MOVEMENT

2. ICANDELO A linemibuzo emithathu esekwe kwimithombo.Imathiriyeli efunekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

3. ICANDELO B linemibuzo EMITHATHU ezizincoko

4. Phendula imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo:

   4.1 Ubuncinane umbuzo OMNYE kufuneka ube ngosekelwe kumthombo ze OMNYE ube sisincoko.

   4.2 Umbuzo WESITHATHU unokuba ngumbuzo osekelwe kumthombo okanye isincoko.

5. Uyacetyiswa ukuba uchithe ubuncinane iyure ENYE ngombuzo ngamnye.

6. Xa uphendula imibuzo, sebenzisa ulwazi, isakhono nokuqonda kwakho.

7. Uya kuvinjwa amanqaku ngokukhuphela imithombo yolwazi njengeempendulo.

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwenkqubo yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Bhala cocekileyo nangokucacileyo.

Free past papers & memos at studypapers.co.za

ICANDELO A: IMIBUZO ESEKELEZWE KWIMITHOMBO

Phendula ubuncinane umbuzo ube MNYE, kodwa ungadluli kwimibuzo EMIBINI kweli CANDELO.Imathiriyeli eza kusetyenziswa ekuphenduleni le mibuzo iqulethwe KWISIHLOMELO.

UMBUZO 1: KWAKUTHENI UKUZE UXINZELELO LWECOLD WAR MALUNGA NEBERLIN PHAKATHI KO1958 NO1961 LUKHOKELELE EKWAKHIWENI KWEBERLIN WALL?

Funda iMithombo 1A, 1B, 1C no1D uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1 Jonga uMthombo 1A.

1.1.1 Sesiphi isinyanzeliso, ngokwalo mthombo, esenziwa nguKhrushchev kwintetho yakhe kaNovemba 1958 malunga neBerlin? (1 x 2) (2)

1.1.2 Chaza igama elithi *ultimatum* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

1.1.3 Chonga, kumthombo, intlanganiso yamazwe ngamazwe eyabanjwa ngo1959 yokuxoxa ngomba waseBerlin. (1 x 2) (2)

1.1.4 Cacisa ukuba kutheni uEisenhower wayekholelwa ukuba ukukhusela inkululeko yaseWest Berlin kufuna ubukho obuqhubekekayo beUS. (2 x 2) (4)

1.1.5 Cacisa ukuba ukudutyulwa kweU-2 spy plane kwabuchaphazela njani ubudlelwane phakathi kweUSA neUSSR. (1 x 2) (2)

1.2 Funda uMthombo 1B.

1.2.1 Ngokwalo mthombo, chaza izenzo EZINTATHU ezenziwa yiWest Germany ezathi zandisa uxinzelelo lwamazwe ngamazwe. (3 x 1) (3)

1.2.2 Caphula ubungqina obuvela kumthombo obubonisa ukuba uKhrushchev wayekholelwa ukuba izenzo ezithathwe yiFederal Republic of Germany, zisongela uxolo eEurope. (1 x 2) (2)

1.2.3 Phawula oko uKhrushchev akutshoyo ngala mazwi, ‘ ukuthatha amanyathelo ngokuchasene neMpuma kuya kuthetha ukuya ekufeni kwe Western Germany’. (1 x 2) (2)

1.2.4 Cacisa intsingiselo yeli binzana, ‘... igeographical position yeWestern Germany — ngokobuchule bomkhosi njengoko bunjalo namhlanje — ibingayi kusinda nosuku olunye kwimfazwe yale mihla. (1 x 2) (2)

1.2.5 Cacisa ngentsilelo yalo mthombo kumbhalimbali ophanda ngoxinzelelo eBerlin ngaphambi kokwakhiwa kweBerlin Wall. (2 x 2) (4)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

1.3 Jonga uMthombo 1C.

1.3.1 Imele ntoni iBerlin ngokubhekiselele kwiCold War? (1 x 2) (2)

1.3.2 Cacisa umyalezo ogqithiswa kwintetho yamaqampu. (2 x 2) (4)

1.4 Funda uMthombo1D.

1.4.1 Cacisa igama elithi *formidable barrier* ngokubhekiselele kukwahlulwa kweBerlin. (1 x 2) (2)

1.4.2 Caphula ubungqina obuvela kumthombo obubonisa ukuba eso sakhiwo sasingaphezu nje kokuba ludonga. (3 x 1) (3)

1.4.3 Phawula ukuba kwakutheni uMeya uWilly Brandt wayeyibiza iBerlin Wall ngokuba “yiWall of Shame”. (1 x 2) (2)

1.5 Jonga imithombo 1B no1C. Cacisa indlela ulwazi olukumthombo 1B olubuxhasa ngayo ubungqina obukumthombo 1C malunga nokwanda kwesoyikiso semfazwe eBerlin. (2 x 2) (4)

1.6 Sebenzisa ulwazi olukwimithombo efanelekileyo nolwazi lwakho, ubhale umhlathi omalunga nemigca esibhozo (amagama angama80) ucacisa ukuba kutheni uxinzelelo lweCold War malunga neBerlin phakathi ko1958 no1961 lwakhokelela ekwakhiweni kweBerlin Wall. (8)

[50]

Free past papers & memos at studypapers.co.za

UMBUZO 2: UKUBANDAKANYEKA KWESUPERPOWERS ZECOLD WAR KWABA NAFUTHE LINI KWI ANGOLAN CIVIL WAR?

Funda iMithombo 1A, 1B, 1C no1D uze uphendule imibuzo elandelayo.

2.1 Funda umthombo 2A.

2.1.1 Yintoni, ngokwalo mthombo, eyathenjiswa yenye yeAngolan movements eyayisilwa iPortuguese colonialism? (1 x 2) (2)

2.1.2 Caphula ubungqina obuvela kumthombo, obubonisa ukuba imibutho emithathu yenkululeko ayikwazanga ukwenza isigqibo sokuba ngubani omele aphathe iAngola emva kokuphela kwePortuguese colonialism. (1 x 2) (2)

2.1.3 Chaza igama *detente* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

2.1.4 Phawula ngale ngxelo 'iAngola kulapho amawakawaka amajoni aseCuba ahla khona emva kokuwela iAtlantic Ocean aza aba nempembelelo eqinisekileyo kwisiphumo somkhosi kungquzulwano'. (1 x 2) (2)

2.1.5 Cacisa ngokuthethwa ngulo mbhali, 'Icivil war yesibini, ende neyinkcitho yaqala kwangoko'. (2 x 2) (4)

2.2 Funda umthombo 2B.

2.2.1 Chaza ikonsepti *proxy confrontation* ngokubhekiselele kwimfazwe yamakhaya yaseAngola (1 x 2) (2)

2.2.2 Ngokwalo mthombo, ungquzulwano phakathi kweUnited States (US) namaSoviet lwakhokelela kwintoni? (1 x 2) (2)

2.2.3 Wayethetha ukuthini uDobrynin xa wayesithi, "IAngola yaba liqonga lokhuphiswano lwamabhongo amazwe ngamazwe ngaphezulu lee kokubaluleka kwayo kuye nakubanina, ingakumbi kubantu baseAngola abaselishweni." (1 x 2) (2)

2.2.4 Usebenzisa ulwazi olukumthombo nolwakho, chaza indlela ukunqongophala kolwazi lukaHenry Kissinger ngommandla okwanceda ngayo ukwenza buthathaka ubudlelwane beUS neAfrika. (1 x 2) (2)

2.3 Jonga umthombo 2C.

2.3.1 Sisiphi isikhundla, ngokwalo mthombo, awayenaso uKissinger? (1 x 1) (1)

2.3.2 Kwakutheni, ngokwalo mthombo, ukuze uKissinger, abandakanye iUS eAngola? (1 x 2) (2)

2.3.3 Ngokwalo mthombo, yintoni eyaba ziziphumo zemfazwe kubantu baseAngola? (3 x 1) (3)

2.3.4 Ucinga ukuba kutheni uNancy Mitchell ekholelwa ukuba uKissinger "akazange ayiqonde kakuhle imeko yaseAngola kwasekuqaleni". (1 x 2) (2)

2.3.5 Phawula malunga noncedo lwalomthombo kumbhalimbali ophanda ngempembelelo yokubandakanyeka kwamazwe angaphandle eAngola. (2 x 2) (4)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

2.4 Funda uMthombo 2D.

2.4.1 Isihloko esithi “Kissinger in Absentia” sibonisa ntoni malunga nendima kaHenry Kissinger eAngola? (1 x 2) (2)

2.4.2 Ngowuphi umyalezo owaziswa ngumzobi wekhathuni malunga nendima edlalwe ngamazwe angaphandle kwiAngolan Civil War ? (2 x 2) (4)

2.5 Jonga imithombo 2B no2C. Cacisa indlela ulwazi olukuMthombo 2B oluxhasa ngayo ubungqina obukuMthombo 2C malunga nefuthe lokubandakanyeka kwe-US eAngola. (2 x 2) (4)

2.6 Sebenzisa ulwazi oluvela kwimithombo efanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemigca esi8 (amagama a80) ucacise ukuba ukubandakanyeka kwe superpowers zecold war kwaba nafuthe lini kwi Angolan Civil War. (8)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

UMBUZO 3: IFREEDOM SUMMER YALUCELA NJANI UMNGENI UCALUCALULO NGOKOBUHLANGA NOKUVALWA KOKWANDA KWABAVOTI ESOUTHERN UNITED STATES NGO1964?

Funda imithombo 3A, 3B, 3C no3D uze uphendule imibuzo elandelayo.

3.1 Funda Umthombo 3A.

3.1.1 Chaza igama *Freedom Summer* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

3.1.2 Ngokwalo mthombo, bakulungiselela njani abasemagunyeni baseMississippi ukufika kwamatshantliziyo amalungelo oluntu? (1 x 2) (2)

3.1.3 Ngokwalo mthombo, zeziphi iindlela zobundlobongela ezazisetyenziswa kwiAfrican Americans namatshantliziyo amalungelo oluntu ngexesha leFreedom Summer? (4 x 1) (4)

3.1.4 Phawula ngokuthethwa ngala mazwi “Ifreedom Summer yayiza kuba ngaphezu kobundlobongela nje”. (1 x 2) (2)

3.1.5 Cacisa okuthethwa ngumbhali “amakhulukhulu abafundi neentsapho abazindwendweleyo babonisa abantu baseAmerica, abamnyama nabamhlophe, indlela yokuphathana ngokundilisekileyo okungaqhelekanga” (2 x 2) (4)

3.2 Jonga uMthombo 3B.

3.2.1 Ngokwalo mthombo, ngoobani ababesisininzi kumavolontiya eFreedom Summer? (1 x 2) (2)

3.2.2 Ngokwalo mthombo, yayiyintoni eyona njongo yeli phulo leFreedom Summer? (1 x 2) (2)

3.2.3 Usebenzisa ulwazi olufumaneka kumthombo nolwazi lwakho, chaza ukuba kutheni ukusekwa kwa41 eFreedom Schools, kwadlala indima ebalulekileyo kwi Freedom Summer Campaign. (2 x 2) (4)

3.2.4 Phawula ngento ethethwa ngala mazwi “ngobuchule bokukhokela obabonelela ngezakhono zokucinga nokusebenza ukuze baqhubele phambili nomzabalazo ukumka kwesummer volunteers”. (1 x 2) (2)

3.3 Jonga uMthombo 3C.

3.3.1 Caphula iindlela eziMBINI apho amatshantliziyo akhuthaza abemi abantsundu ukuba babhalisele ukuvota. (2 x 1) (2)

3.3.2 Yayithetha ukuthini iRhuluneli uPaul B. Johnson Jr. xa wayesithi: “Asiyi kuvumela iqela labantu bangaphandle ukuba lingene lize lenze umsantsa kumanyano lweli lizwana.”? (1 x 2) (2)

3.3.3 Chaza igama elithi *intimidation* ngokubhekisele kwiFreedom Summer Campaign. (1 x 2) (2)

3.3.4 Phawula malunga nokuthembeka kwalo mthombo kumbhalimbali ofunda ngokucinezelwa kwabavoti ngeminyaka yoo1960. (2 x 2) (4)

Free past papers & memos at studypapers.co.za

3.4 Jonga kuMthombo 3B no3C. Cacisa ukuba iinkcukacha ezikuMthombo 3B zibuxhasa njani ubungqina obukuMthombo 3C malunga nemingeni ababejongene nayo abavoti abamnyama e Mississippi. (2 x 2) (4)

3.5 Funda Umthombo 3D.

3.5.1 Ngowuphi umyalezo umqhankqalazi azama ukuwudlulisa ngolu phawu? (1 x 2) (2)

3.5.2 Ingaba lo mfanekiso ucebisa ntoni malunga nemingeni eyayijongene neAfrican Americans ngeminyaka yoo1960? (1 x 2) (2)

3.6 Usebenzisa ulwazi oluvela kwimithombo efanelekileyo nolwazi lwakho bhala umhlathi malunga nemigca ESIBHOZO (amagama anga80) ucacisa indlela iFreedom Summer yalucel' umngeni ngayo ucalucalulo ngokobuhlanga nokucinezelwa kwabavoti kwiSouthern United States ngowe1964 (8)

[50]

Free past papers & memos at studypapers.co.za

ICANDELO B: IMIBUZO EZIZINCOKO

Phendula, ubuncinane umbuzo ube MNYE kweli candelo kodwa ungadluli KWEMIBINI.

Isincoko sakho masibe malunga namaphepha AMATHATHU ubude.

UMBUZO 4

UKWANDISWA KWECOLD WAR: UPHANDO (CASE STUDY) – IVIETNAM

Iguerrilla warfare nenkxaso yabantu kwiVietcong zadlala indima ephambili ekumiseleni iziphumo zeVietnam War phakathi kowe1962 nowe1975.

Uyavumelana nale nkcaza? Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngokusebenzisa ubungqina obufanelekileyo bembali. **[50]**

UMBUZO 5

IAFRICA EZIMELEYO: UPHANDO (CASE STUDY) – ICONGO

Xoxa nzulu ukuba ingaba iingxaki ezafunyanwa yiCongo emva kokuzimela yaziziphumo ikakhulu zezinto zangaphakathi kunongenelelo lwangaphandle.

Kwimpendulo yakho, kufuneka uqwalasele iimeko zezoqoqosho, ezentlalo, nezopolitiko ezibe negalelo kwimicelimngeni ejongene nayo iCongo.

Sebenzisa ulwazi olufanelekileyo lwembali ukuxhasa ingxam yengxoxo yakho **[50]**

UMBUZO 6

UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KWIMINYAKA YOWEE1950 UKUYA KWEYOWEE1970: IBLACK POWER MOVEMENT

Ifilosofi yeBlack Power yaphumelela kangakanani ekujonganeni nokungalingani okujongene nama-Afrika aseMelika eUnited States ngeminyaka yee-1960 kunye nee-1970?

Xhasa impendulo yakho ngobungqina bembali obufanelekileyo. **[50]**

TOTAL: 150

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Free past papers & memos at studypapers.co.za